

# ISIXEKO SASEKAPA



CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

## ***INCWADANA YEZIKHOKELO YECANDELO 14***

UMTHETHO OPHATHELENE NOKUKHUTHAZWA KOKUFUMANEKA  
KOLWAZI (UMTHETHO-2 WANGO-2000)

CITY OF CAPE TOWN  
ISIXEKO SASEKAPA  
STAD KAAPSTAD

# ISINGENISO

UMthetho ophathelene nokukhuthazwa kokufumaneka kolwazi (onguMthetho 2 ka-2000), ufezekisa ilungelo loluntu ngokubanzi lokuba luyifumane ingcaciso kwizigqeba zikarhulumente nakwezo zizimeleyo, njengoko lisitsho iCandelo 32 loMgaqo-siseko, ngeenjongo zokuphuhlisa nokujolisa banzi kukhuliso lolawulo olucikizekileyo lweenkampani namaziko.

## **Esi Sixeko siyaluqonda, kwaye sizinikezele ekulufezekiseni uxanduva olubekwe ngumgaqo-siseko emagxeni aso, lokuba –**

- ▶ sikhuthaze sikhulise inkqubo yokwenziwa kwezinto elubala neyolawuleko kwimicimbi yaso, ngokuthi sifezekise ilungelo lokufumana ingcaciso;
- ▶ sithabathe amanyathelo abonakalayo okukhuthaza nokudala iimeko apho abo bafaka izicelo bekwazi ukuba bayifumane ngokupheleleyo ingcaciso;
- ▶ senze onke amalungiselelo ayimfuneko okwenza ukuba abo bafaka izicelo bakwazi kangangoko ukuba bafikelele kumarekhodi abawacelileyo esi Sixeko.

## **Kukhunjulwe ke kambe -**

- ▶ ukuba ilungelo lokufumana iinkcukacha eziselugcinweni lwesiXeko esi lisenokungade linabele ngaphaya kwemida efanelekileyo nelindelekileyo kwimeko yolawulo lwentando yesininzi, idemokhrasi, esekelwe kwisidima somntu, kulingano nakwinkululeko, njengoko kuchazwa kwiCandelo 36 loMgaqo-nkqubo, nanjengokuba kuchazwa nakwiSigaba 2, iSahluko 4 soMthetho ophathelene nokukhuthazwa kokufumaneka kolwazi (onguMthetho 2 ka-2000).

# IZIQULATHO

## Iphepha

ISINGENISO		1
IZISHUNQULELO/ AMAGAMA OSHUNQULELO		2
ICANDELO 1	Intshayelelo	6
ICANDELO 2	Ukuma kolawulo nemisebenzi kwisiXeko seKapa	7
2.1	Ukuma kolawulo	7
2.2	Imisebenzi neenkonzelo ehamba anazo kwisiXeko seKapa	7
ICANDELO 3	Iinkcukacha zohagamshelwano neGosa leNgcaciso naMasekela eGosa leNgcaciso	10
ICANDELO 4	Isikhokelo seCandelo 10 malunga nendlela yokusetyenziswa kwalo Mthetho	20
ICANDELO 5	Ukufikelela kwiimpepha zamarekhodi	21
5.1	Eziselugcinweni lwesiXeko seKapa Udizo olungafuni sicelo	21
5.2	Inkcazo yemixholo neendidi zeempepha zamarekhodi	21
5.3	aselugcinweni lwesiXeko seKapa Inkqubo yokwenziwa kwezicelo	21
ICANDELO 6	Amalungiselelo okubonelela ngenxaxheba yoluntu	26
ICANDELO 7	Ukuhlaziywa nokufunyanwa kwale ncwadana yezikhokelo yeCandelo 14	27
ICANDELO 8	Umqokumbelo	28
IZIHLOMELELO		
Isihlomelelo A	Imephu ebonisa imida yeSithili sesiXeko seKapa	29

Isihlomelelo B	Ukuma kolawulo lwesiXeko seKapa	30
Isihlomelelo C	Iindidi zeempepha zamarekhodi ezifumaneka ngaphandle kwezicelo	31
Isihlomelelo D	Inkcazo yemixholo neendidi zeempepha zamarekhodi aselugcinweni lwesiXeko se Kapa	31
Isihlomelelo E	Ifomu yokwenza isicelo	44
Isihlomelelo F	Iimali ezihlawulwayo	50
Isihlomelelo G	Ifomu yezibheno zangaphakathi	51

# IZISHUNQULELO/AMAGAMA OSHUNQULELO

AIDS	Acquired Immune Deficiency Syndrome
AMMAS	Asset Management and Scientific Service
CAMM	Customer and Metering Management
CBO	Community Based Organisation
CCT	City of Cape Town
CID	Community Improvement District
CPM	Competency-Based Performance Management
CRM	Customer Relations Management
ED&T	Economic Development and Tourism
EIA	Environmental Impact Assessment
EMT	Executive Management Team
ERP	Enterprise Resource Planning
GIS	Geographic Information Systems
HIA	Heritage Impact Assessment
HR	Human Resources
IDP	Integrated Development Plan
IEC	Independent Electoral Commission
IT	Information Technology
KPI	Key Performance Indicator
NGO	Non-Governmental Organisation
ORM	Occupational Risk Management
PABX	Private Automatic Branch Exchange
PAIA	Promotion of Access to Information Act
PAWC	Provincial Administration of the Western Cape
PDI	Previously Disadvantaged Individual
PHP	Peoples Housing Process
RDP	Reconstruction and Development Programme
SAP	Systems Application Processing
SETA	Sector Education and Training Authority
SLA	Service Level Agreement
SMME	Small Medium and Micro Enterprises
SPV	Special Purpose Vehicle
SRA	Special Rating Area
TB	Tuberculosis
TSM	Transport System Management
VAT	Value Added Tax

# ICANDELO 1

## INTSHAYELELO

Le ncwadana yezikhokelo iye yaqulunqwa sisiXeko seKapa, kwaye iyimfuneko ngokwemiqathango yecandelo 4 loMthetho oyiAccess to Information Act ka-2000 (uMthetho 2 ka-2000) ekuza kuthiwa xa kubhekiswa kuwo apha kule ncwadana, "uMthetho lo okanye "lo Mthetho". Lo mthetho ke ujolise ekufezekiseni ilungelo abanalo abantu lokuba bayifumane ingcaciso kwizigqeba zikarhulumente nezamacandelo oshishino, njengoko kucaciswa kwicandelo 32 loMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (onguMthetho 108 ka-1996). Enye yeenjongo zalo Mthetho kukukhuthaza ukwenziwa kwezinto elubala, ulawuleko nolawulo olunempumelelo. Le njongo ke yenye yeentsika zesicwangciso sesiXeko seKapa sokufezekisa ulawulo lweedolophu olunophuhliso noluvumela ukuthatha koluntu inxaxheba apha eNtsona Koloni. IsiXeko esi sikwazamela nokuba sikwazi ukufikeleleka ngokuba sithi kwezinye zeendlela esizisebenzisayo zokufezekisa le njongo kubekho nokunikwa koluntu ingcaciso.

linjongo zale ncwadana ke zezi zilandelayo:

- ▶ ukwenza abantu ukuba bakwazi ukuxhamla nokusebenzisa amalungelo abo abawanikwa nguMthetho lo;
- ▶ ukwenza abantu ukuba bayiqonde kakuhle imisebenzi eyenziwa sisiXeko seKapa kwakunye neempepha ezingamarekhodi aselugcinweni lwaso;
- ▶ ukufaka igxalaba kwiinzame nemigudu yokubethelela isiqhelo sokwenziwa kwezinto elubala, ulawuleko nakwezokukhuthaza uluntu ukuba luthabathe inxaxheba.

IsiXeko seKapa saye sasekwa ngomhla we-5 Disemba 2000 ngokuthi kudityaniswe iKhansile yesiXeko seKapa (Cape Metropolitan Council) ekwakufudula iyiyo isigqeba solawulo, kunye neeKhansile zeZiphaluka zeSixeko (Metropolitan Local Councils) ezintandathu ezizezi, eyaseHelderberg, yaseOostenberg, eyaseTygerberg, eyaseBlaauwberg, eyaseKapa eyaseSouth Peninsula, neziqwengana ke eziyinxenye yeKhansile yeSithili soNxweme lwaseNtshona neyeKhansile yeSithili seWinelands (iSaziso sePhondo 479 somhla wama-22 Septemba 2000). ISixeko seKapa sime kweyona yakhe yantle indawo apha eMzantsi Afrika enombukeko kakhulu, neqhelezela ngakumbi kwicala lezenkcubeko nangohlaza lwayo neentyatyambo zayo; ngobukhulu baso sinabe isithuba see-2487 km<sup>2</sup>, kwaye abantu abahlala kuso bamalunga nezigidi ezi-3,6\*

**ISihlomelelo A** yimephu yengingqi yesiXeko seKapa ebonisa imida yaso.

\* ISIXEKO SASEKAPA, 200. INGXELO YEMVELI YOBUME YESIXEKO SASEKAPA, KUNYAKA WE (2002). EKAPA: ISIXEKO SASEKAPA ([www.capetown.gov.za/soe/pdf/year5](http://www.capetown.gov.za/soe/pdf/year5))

## 2.1 ICANDELO 2

### UBUME NEMISEBENZI YESIXEKO SASEKAPA

#### 2.1 UBUME BEZIKO

Urhulumente wemimandla usebenza kwimeko-bume esoloko itshintsha yaye ke ngenxa yoko ubume bakhe nenkonzo azinikayo kunokunyanzeleka ukuba nazo zimane zitshintsha. Umbono, iinjongo nezicwangciso eziphambili zesiXeko zisoloko ziphononongwa yaye le ndlela amasebe eme ngayo ngoku ingqanyaniswe nombono omtsha oza kulandelwa sisixeko. Ubume beziko bangoku benziwa baphela kwinqanaba lesibini lokunika ingxelo ngolu hlobo lulandelayo:

#### 2.2 IMISEBENZI KUNYE NEENKONZO EHAMBELANA NAYO YESIXEKO SASEKAPA

##### 1. I-Ofisi yeManejala yesiXeko

**IManejala yesiXeko: Mnu. Achmat Ebrahim**

##### **UNozakuzaku weZikhalazo zoLuntu – Mbulelo Baba**

- Usonjululo loNgquzulwano – ngokuthi enze uphando ngezikhalazo isiXeko esingekazisombululi okanye esizisombulule ngendlela enganelisiyo ngokuthi aququzelele ukusonjululwa kwezo zikhalazo esebenzisana namasebe achaphazelekayo.
- Unozaku-zaku weZikhalazo uba ngumnxibelelanisi phakathi kweCandelo loLawulo kunye nomfaki-sikhalazo ukuze ngandlela zonke aze nesisombululo kunye nesiphelo kumba ekungquzulwana ngawo.
- Liqoqo lokugqibela lokusombulula izikhalazo.
- Le nkonzo ilungiselelwe abantu bangaphandle (uluntu) kunye nabantu abangaphakathi (abasebenzi).

##### **Umlawuli: INkxaso kwiSigqeba esiLawulayo – Gillian Kenhardt**

- Icandelo leZabasebenzi, Inkxaso yeCandelo leZemali neLolawulo ukuya kutsho kwiCandelo loLawulo le-Ofisi yeManejala yesiXeko/yoMphathi wesiXeko.
- Ulawulo lweeProjekthi neNdlela aBasebenzi abaSebenza ngayo ukuya kutsho kwiCandelo loLawulo le-Ofisi yeManejala yesiXeko.
- Ukulawula i-Ofisi yeManejala yesiXeko.
- Inkxaso yeKomiti kwiBhunga nakwiiKomiti
- Inkxaso yeKomiti kwiKomiti kaSodolophu.
- Ukubonelela ngenkonzo yezelwimi (ugququlo notoliko) kwiBhunga, kwiikomiti zalo kunye nakwicandelo lolawulo liphela.

##### **Umlawuli: Ulawulo neNtsebenziswano – Luzuko Mdunyelwa**

- AmaBhungana
- ULawulo neeProjekthi
- INkxaso yeSigqeba saBaphathi nesoWiso-mthetho
- Ubudlelwane bangaphandle

- INkxaso yooCeba
- VPUU (Ukunqandwa koBundlobongela ngeeProjekthi zoPhuculo lweNdawo eziseziDolophini)
- Intatho-nxaxheba yoLuntu

## **2. UMphicothi-zincwadi oLawulayo – Zulpha Abrams**

- Uphicotho lweNgeniso noLwamaziko kaMasipala
- Uphicotho lwe-IT
- Uphicotho lweNkcitho neSCM
- Uphicotho loLawulo

## **3. liNkonzo zeZiko**

### **Umlawuli oPhetheyo: David Beretti**

#### **Umlawuli: weNkonzo zoMthetho – Lungelo Mbandazayo**

- linkundla zikaMasipala
  - liNkonzo zeZiko ezingeeNgcebiso
  - UMthetho ongokuthenga nokuthengiswa kwezinto
  - EzePropati, uCwangciso nokuSingqongileyo
  - Ukugunyaziswa noPhando kwezoMthetho
  - Uthotyelo lweMithetho

#### **Umlawuli: ICandelo lezaBasebenzi elinoCwangciso – Justine Quince**

- Uphuculo lweMicimbi noLawulo lweMigangatho.
- Ulawulo loTshintsho noNxibelelwano
- Uthethwano kuMaqonga eeNgxoxo
- limeko zeNkonzo nophuhliso lweMigaqo-nkqubo ye-HR
- Ukubonisana ngeMiba-gabalala ye-HR
- Ulawulo loNgquzululwano
- E-HR
- Umjikelo woBomi wabasebenzi
- linkonzo zeNgcali ze-HR
- Ubume /ULawulo lweZiko
- Ulawulo lweMigangatho
- SALGBC
- Izivumelwano zaManqanaba eeNkonzo
- Izicwangciso nePlani zokuQesha aBasebenzi

#### **Umlawuli: liNkonzo zaBasebenzi – Okungokunje oBambeleyo: Nomusa Mawela**

- Ukuphila kwaBasebenzi
- INkqubo yokuNceda aBasebenzi, iNkqubo yaseMsebenzini ye-HIV/AIDS
- Ubudlelwane bezaBasebenzi
- Impilo noKhuseleko eMsebenzini
- Uluhlu lwabantu abahlawulwayo
- Uqeqesho noPhuhliso

**Umlawuli oBambeleyo: liNkonzo zoBuchwepheshe eziZodwa – James Groep**

- Ulawulo lweZithuthi neNdawo zokuziLungisa
- Unxibelelwano ngoNomathotholo
- Ulawulo lwamaBala
- Ulawulo lweZibonelelo.

**Umlawuli: Ezonxibelelwano – Pieter Cronje**

- Iziganeko neMibhiyozo yeZiko
- Upapasho
- Iintengiso
- Iinkonzo zeNkxaso

**UMPhathi: Ubulungisa kwezeNgqesho – Michael Siyolo**

- Amanyathelo okuqesha abo babehlelekile abandakanya:
- Ulawulo lombha woKhubazeko

**Umlawuli: liNkqubo zoLwazi neTeknoloji – Andre Stelzner**

- Izibonelelo
- Unxibelelwano ngefowuni
- IiNkqubo zoShishino
- Iziko leNkxaso le-ERP
- Ulawulo ngeElektroni
- Uyilo-zakhiwo noLawulo
- INkqubo yeOfisi ye-IT noLawulo
- IiNkqubo zekhompuyutha

**UMphathi woLawulo loBudlelwane naBaxhasi beNkonzo – Pat Lockwood**

- ULawulo lweZiko loQhagamshelwano lwesebe leZiko
- ULawulo lamaZiko oncedo
- Uqhagamshelwano nabasebenzisi-nkonzo beVIP
- Inkqubo yaNgaphakathi noHlahlelo lwaBachaphazelekayo
  - Iteknoloji yoLwazi yeCRM
  - Uqeqesho lweCRM
  - Iziko loQhagamshelwano lesiXeko

**UMphathi weNkxaso kwiSicwangciso–buchule – Pat Lockwood**

- Ulawulo looMatshini bokuPrinta nabokuFotokopa beZiko
- Ulawulo lweRekhodi zeZiko neeNkonzo zoBhaliso
- ULawulo lweProjekthi

**4. EzoThutho, iiNdlela neProjekthi eziphambili**

**Umlawuli oPhetheyo/weSigqeba: Mike Marsden**

**Umlawuli: liNkonzo zeNkxaso – Saaliegah Zardad**

- Ulawulo
- Izimali

**Umlawuli: kwezoBuchwepheshe ngo-2010 – Victor Dave Hugo**

- Ulawulo laBaqquzeleli beProjekthi
- EzoThutho
- INkqubo yango-2010
- EzoNxibelelwano ngo-2010

**Umlawuli: kwiNdelela yokuSebenza ngo-2010 – Lesley De Reuck**

- ULawulo laBaqquzeleli beProjekthi
- INTengiso/ubhengezo neNkxaso ngezimali ngo-2010
- EzoMthetho ngo-2010
- Uhlanganiso ngo-2010

**Umlawuli: kwezoThutho – Maddie Mazaza**

- UCwanciso lwezoThutho
- IiNkonzo zeZithuthi zoLuntu eziHlanganisiweyo
- IiNdelela zokuSebenza ezingoThungelwano lwezoThutho
- UThungelwano lwezoThutho noPhuhliso lweZixhobo zoncedo ezingundoqo
- IiNkonzo zeNkxaso kwezoBuchwepheshe

**Umlawuli: iindlela naManzi eZiphango – Henry du Plessis**

- Ukuplana uphuhliso oluhlanganisiweyo nokulungiswa kweendlela nezixokelelwano zeziphango ukulungiselela ikamva elizinzileyo
- Ukwenza nokuthethela imigaqo-nkqubo yezendlela neenkonzo ezijongene neziphango kwisiXeko
- Ukulawula iiProjekthi zeeMali eziNkulu
- Ukulawula nokulungisa iindlela ezikhoyo kunye nee-asethi zeziphango
- Ukuvuselela iindlela neenkqubo zokungciba
- Ukukhusela imigxobhozo, imilambo, amachweba emilambo namanzi amaxweme ekungcolisweni
- Ukumana nijonga ukuba niqhuba njani yaye nesebe lisebenza njani na
- Ukuphucula inkqubo yokulawula iingozi zezikhukhula
- Ukucutha iingozi zezikhukhula kwindawo ezinokuba khona kuzo
- Ukucutha ukungcoliseka kwamanzi emvula apho aqala khona
- Ukugada nokulawula ngalo lonke ixesha umgangatho wamanzi angaphezulu
- Ukugada umgangatho wamanzi amalwandle kwimimadla yokuhlamba

**5. IiNkonzo zoLuntu**

**Umlawuli oPhetheyo/weSigqeba: Lokiwe Mtwazi**

**Umlawuli: iiNkonzo zeThala leeNcwadi noLwazi- Ninnie Steyn**

- Ubonelelo lweeNkonzo zaMathala eeNcwadi oLuntu
- Iinkqubo zoPhuhliso enjongo yazo ikukujongana nezidingo zophuhliso ekuhlaleni.

**Umlawuli: iiPaki zesiXeko – Chantal Hanslo**

- liPaki zoLuntu
- liPaki zeeNgingqi
- Amangcwaba
- li-Ayilendi (islands) ezisembindini
- ULawulo lweMithi

**Umlawuli: IMidlalo noLonwabo – Gert Bam**

- liNkqubo zoPhuhliso ezijoliswe kuLutsha nakumaKhosikazi
- AmaQula okudada (iiPuli)
- AmaBala
- Ulawulo lwaMalwandle neeNdawo zokuTyelela
- AmaBala okuDlalela aseSikweni
- AmaZiko eeNkqubo ngeNkqubo noLonwabo
- AmaHolo asekuHlalani
- AmaZiko asekuHlalani
- ULawulo lweZiganeko neMibhiyozo

**Umlawuli: INkxaso yeZicwangciso – Ashley Arendse**

- Izicwangciso, Uphuhliso noLungelelwaniso.
- Izicwangciso,, linkqubo, & kunye noQwalaselo loMiselo lweeprojekthi, ukuNika iNgxelo neNkxaso.
- Ulawulo lweNkonzo zeNkxaso Gabalala (HR, iZimali noLawulo).
- Ulawulo loLwazi.
- Ulawulo lweNkqubo/ lweeProjekthi

**6. Izimali**

**IGosa eliPhezulu leZimali: Mike Richardson**

**Umlawuli: Uhlahlo Lwabiwo-mali – Johan Steyl**

- Ulwabiwo-mali lokusebenza
- Ulwabiwo-mali lweMali eyiNkunzi
- Ulwabiwo-mali lweNtsebenzo

**Umlawuli: ULawulo lokuThengwa kweMpahla zeZiko – Leonard Shnaps**

- Ulawulo lokufumana iimpahla/lithenda/likhontrakthi
- Ulawulo loLuhlu lweMpahla neeNdawo zokuzigcina
- Uphuhliso lwabaThengisi

**Umlawuli: ICandelo likaNondyebo – David Valentine**

- Uku-Akhawunta nee-Asethi
- ICandelo likaNondyebo
- Ulawulo lwe-Inshorensi

**Umlawuli: Ingeniso – Trevor Blake**

- Ulawulo lwaMatyala
- liNkonzo zobuGcisa
- Ababamba amatyala neMali eyiKheshi
- liNkonzo eziZodwa

**Umlawuli: UQikelelo-maxabiso – Christopher Gavor**

- INkqubo yoQikelelo-maxabiso
- IDatha yoQikelelo-maxabiso neenkqubo zoshishino
- IMeko yoShishino yoQikelelo-maxabiso
- Ukuhlolwa kweFildi noLawulo lweMigangatho

**Umlawuli: INkcitho – Nothemba Lepheana**

- liNkonzo zeNkxaso
- ULawulo loLuhlu lwabaHlawulwayo
- li-Akhawunti eziHlawulwayo

**Umlawuli: ULawulo lwaBanini-Zabelo – Louise Muller**

- UPhononongo lweZimali
- ULawulo lweZiko
- UPhononongo loPhando nolweMithetho
- ISicwangciso soShishino noPhuhliso

**Umlawuli: UNxulumaniso lweNkonzo eziSebenzisanayo – George Van Schalkwyk**

- ULawulo lwaNgaphandle

**Umlawuli: INkxaso ngeziMali yeZindlu neNgqesho – Wayne Muller**

- Uhlahlo-mali lwezeZindlu noku-Akhawunta
- INkxaso-mali yeProjekthi yezeZindlu
- ULawulo lweZindlu noku-Renta

**7. Ukhuselelo noKhuseleko**

**Umlawuli oPhetheyo/weSigqeba: Richard Bosman**

**Umlawuli: iiNkonzo zikaXakeka zesiXeko –**

- EzoCimo-mlilo noHlangulo- INTloko kwezoCimo-mlilo: Ian Schnetler
- ULawulo lweNtlekele: INTloko: Greg Pillay
- IZiko loNxibelelwano likaXakeka loLuntu i-107
  - liNkonzo zeNkxaso

**INTloko yamaPolisa eNqila esiXeko saseKapa – Robert Young**

- UThintelo loLwaphulo-mthetho

- UNyanzeliso lweMithetho kaMasipala
- UNyanzeliso leMithetho engeZendlela

**IGosa eliyiNtloko: kwiiNkonzo ezingeZendlela – Heathcliff Thomas**

- liMpepha-mvume zokuqhuba
- EzoNyanzeliso leMithetho engeZendlela

**IGosa eliyiNtloko: kwezoNyanzeliso loMthetho – Rudi Wiltshire**

**8. EzeZindlu**

**Umlawuli oPhetheyo: Hans Smit**

**Umlawuli: EzeZindlu – Alida Kotzee**

- AmaTyotyombe
- UMhlaba weZindlu nokuPlana kwangeThuba
- liNdawo ezikhoyo zokuHlala
- liNdawo ezintsha zokuHlala
- liNkonzo zeNkxaso

**Umlawuli: liNkonzo zoPhuhliso – Noahmaan Hendricks**

- INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eNatyisiweyo
- INkxaso-mali yeZibonelelo zikaMasipala
- ULawulo lweNkqubo
- UYilo lweZakhiwo
- Uthelekelo lokuFunekayo kwiZakhiwo
- ULawulo loLwakhiwo
- UQuquzelelo loPhuhliso lweZibonelelo
- liNkonzo zeNkxaso

**Umlawuli: INkqubo yoVuselelo lweNdawo eziseziDolophini/i-URP – George Penxa**

- liNkonzo zeNkxaso
- I-URP eKhayelitsha
- I-URP e-Mitchells Plain

**9. EzeMpilo zesiXeko**

**Umlawuli oPhetheyo: Ivan Bromfield**

- Ukhathalelo lweMpilo oluSisiseko – ukususela kwizakheko zeekliniki ezingama-82, amaZiko ezeMpilo oLuntu ama-4 (CHC"s), iikliniki ezigxunyekweyo ezingama-24, iikliniki ezihambahambayo ezi-4. Iinkonzo ziquka iinkonzo zokuphakamiso nokukhusela abasetyhini kunye nabantwana (iinkonzo zoThintelo neNkuthazo ezinjengoCwangciso-ntsapho noGonyo kunye nonyango lwaBantwana abaminyaka ili-13); iinkqubo zeHIV/AIDS, inkqubo yoLawulo lweSifo sePhepha/i--TB, ukunyangwa kwezifo ezosulela ngesondo/i-STI nonyango lokuSetyenziswa kakubi kwziyobisi.
- EzeMpilo zokuSingqongileyo – kuquka ukuhlolwa komgangatho wamanzi; ulawulo lokutya; ulawulo lwenkunkuma; ukugadwa kwempilo kwimida yezakhiwo; ukugadwa nokukhuselwa kwezifo ezosulelayo (ngaphandle kogonyo); ukulawulwa kwezithwali-zintsholongwane;

ukulawulwa kongcoliseko lokusingqongileyo; ukulahlwa kwezinto ezifileyo nokhuseleko lweekhemikhali.

- ULawulo loMoya oSulungekileyo

## **10. EzoQoqosho, uPhuhliso lwezeNtlalo nezoKhenketho**

### **Umlawuli oPhetheyo: Mansoor Mohamed**

#### **Umlawuli: Ulawulo lwePropati – Ruby Gelderbloem**

- linkonzo zePropati
- Ukunikisa ngeePropati nokuziFumana
- Ulwazi ngePropati
- Uqikelelo-maxabiso lweePropati ngokweMakethi

#### **Umlawuli: Ukhenketho – Nombulelo Mkefa**

- UPhuhliso loKhenketho kwimimandla esingqongileyo
- UPhuhliso lweeNdawo zokuFikela

#### **Umlawuli: UPhuhliso lwezoQoqosho noLuntu – Thembinkosi Siganda**

- UPhuhliso lwezoQoqosho loMmandla
- INkxaso kwezoShishino nokuPhuculwa/nokuPhuhliswa kweZakhono
- UQuquzelelo loPhuhliso lwezoQoqosho
- ULwazi/iNgcaciso emalunga nezoQoqosho nezoPhando

#### **Umlawuli oBambeleyo: kuQuquzelelo loPhuhliso lwezeNtlalo – Chris O' Connor**

- UQuquzelelo loPhuhliso lwezeNtlalo
- EzoBugcisa neNkcubeko

## **11. IiNkonzo zeZibonelelo/zoNcedo**

### **Umlawuli oPhetheyo: Lungile Dhlamini**

#### **Umlawuli: Amanzi noCoceko – Philemon Mashoko**

- Amanzi aManinzi
- Ukucocwa kwamanzi amdaka
- Ukwahlula ngoMnatha
- Ulawulo lweMfuno yaManzi neSicwangciso
- linkonzo zobuNzululwazi
- Ulawulo lobuNjineli nee-Asethi
- IziMali noQoqoqosho
- INkxaso

**Umlawuli: linkonzo zoMbane - Leslie Rencontre**

- Intengiso noBudlelwane naBathengi
- Ulawulo lweZibonelelo
- Izibane ezisesiDlangaleni
- Ubonelelo ngoMbane
- linkonzo zeNkxaso zoBugcisa
- IziMali noQoqoqosho
- INkxaso kwezaBasebenzi/i-HR nakwezoLawulo

**Umlawuli: Ulawulo lweNkunkuma – Rustim Keraan**

- Ukulahla
- Ukucoca
- Uqokelelo
- Ukuplana
- linkonzo zoBuchwepheshe
- linkonzo zeNkxaso
- Inkxaso yeziMali ne-CRM
- Ukulawulwa kwelahleko

**12. IziCwangciso-buchule nokuPlana**

**Umlawuli oBambeleyo wesiGqeba: Gqr. Ivan Bromfield**

**Umlawuli: Ulawulo lweMithombo yokuSingqongileyo – Osman Asmal**

- Ulawulo lwezityalo nezilwanyana
- Isicwangciso sokusiNgqongileyo nobuHlakani
- linkqubo zokuLawula okuSingqongileyo
- linkonzo zokusiNgqongileyo nezaMafa eMveli zeSithili
- Imfundo yokusiNgqongileyo eHlanganisiweyo noNxibelelwano
- linkqubo neprojekthi ezingundoqo
- linkonzo zeNkxaso

**Umlawuli: UPuhliso lweMihlaba engamaBala yesiXeko – Catherine Stone**

- UkuPlanwa kweMihlaba engamaBala yesiXeko
- lindawo eziVulekileyo zoLuntu neMbonakalo-mhlaba
- Ukudizayinwa kweNdawo eziseDolophini

**Umlawuli: Ukuplanwa kweDolophu – Cheryl Walters**

- UkuPlanwa kweMihlaba engamaBala yeeNgingqi
- Ulawulo loSetyenziso-Mhlaba
- Uphuhliso lweZakhiwo

**Umlawuli: Ulwazi ngoPhuhliso olucwangcisiweyo ne-GIS – Keith Smith**

- Isicwangciso soLwazi
- Ulwazi olucwangcisiweyo
- I-GIS yeZiko
- OoVimba boLwazi neNkxaso

## ICANDELO 3

---

### IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO ZEGOSA LENGCACISO OKANYE AMASEKELA EGOSA LEZENGCACISO.

---

Izicelo ezingeniswa ngokusesikweni zokufumana inkcukacha nezenziwe phantsi kwemiqathango yoMthetho lo kufuneka zithunyelwe kwiGosa leNgcaciso okanye kwiSekela-Gosa leNgcaciso leZiko.

#### **IGosa leNgcaciso**

##### **UMphathi wesiXeko**

IDilesi yePosi: PO Box 298  
Cape Town  
8000

Zonke izicelo ezingokufumana ulwazi ziyazenzekela okanye usenokuzenza ngokwakho (jonga kwisiHlomelo-C ngokuphathelene nalo mbandela), kunye nemibuzo ngokuphangaleleyo ngokuphathelene nokufumaneka kolwazi, kufuneka ijoliswe kwiSekela-gosa leNgcaciso elifanelekileyo elikuluhlu oludweliswe ngezantsi apha. Njengoko sele kukhankanyiwe ngentla apha, zonke izicelo ezisesikweni ezingokufumaneka kolwazi kufuneka zijoliswe kwiGosa leNgcaciso.

**IGosa leNgcaciso eliliSekela kwiZiko**

Umlawuli: liNkonzo zoMthetho

**Lungelo Mbandazayo**

Imeyili: [access2info.act@capetown.gov.za](mailto:access2info.act@capetown.gov.za)

IDilesi yeposi: PO Box 298

Cape Town

8000

**AmaGosa oLwazi/engcaciso angaMasekela**

Umlawuli: liNkonzo zoMthetho

(IGosa loLwazi kwiZiko eliliSekela)

**Lungelo Mbandazayo**

Ifowuni: (021) 400-1364

Ifeksi: (021) 400-5963

Imeyili: [Lungelo.Mbandazayo@capetown.gov.za](mailto:Lungelo.Mbandazayo@capetown.gov.za)

**Teboho Motasi**

Umnxeba: (021) 400 2187

Ifeks: (021) 400 5963

**I-imeyile:** [Teboho.Motasi@capetown.go.za](mailto:Teboho.Motasi@capetown.go.za)

**Adv. Jill Fabing**

Umnxeba: (021) 400 3863

Ifeksi: (021) 400 5963

**I-imeyile:** [Jill.Fabing@capetown.gov.za](mailto:Jill.Fabing@capetown.gov.za)

**UMnu. Shawn B Mathews**

Umnxeba: (021) 400 3227

Ifeksi: (021) 400 5963

**I-imeyile:** [Shawn.Mathews@capetown.gov.za](mailto:Shawn.Mathews@capetown.gov.za)

**Faried Chetty**

Umnxeba: (021) 400 4855

Ifeksi: (021) 400 5963

**I-imeyile:** [Mogamat.Chetty@capetown.gov.za](mailto:Mogamat.Chetty@capetown.gov.za)

**Modiegi Mshweshwe**

Umnxeba: (021) 400 3089

Ifeksi: (021) 400 5963

**I-imeyile:** [Modiegi.Thooe@capetown.gov.za](mailto:Modiegi.Thooe@capetown.gov.za)

**Anita Vasson**

Umnxeba: 021 400 3107

Ifeksi: 021 400 5963

**I-imeyile:** [Anita.Vasson@capetown.gov.za](mailto:Anita.Vasson@capetown.gov.za)

**Les Barchard**

Umnxeba: 021 400 4840

Ifeksi: 021 400 1366

**I-imeyile:** [Les.Barchard@capetown.gov.za](mailto:Les.Barchard@capetown.gov.za)

# ICANDELO 4

---

## “ISIKHOKELO SECANDELO 10” MALUNGA NENDLELA YOKUSETYENZISWA KWALO MTHETHO

---

Ngokwemiqathango yalo Mthetho iKhomishoni yaMalungelo oLuntu kufuneka iqulunqe isikhokelo esiqulathe yonke inkcukacha anokuthi alindele ukuyifumana umntu xa enqwenela ukusebenzisa nalo naliphi na ilungelo elichazwe kulo Mthetho. Esi sikhokelo siya kufumaneka kwiKhomishoni yaMalungelo oLuntu engadlulanga uAgasti ka-2003, kwaye ke imibuzo ephathelele kwesi sikhokelo kufuneka ibhekiswe kwi:

**The South African Human Rights Commission**

**The Research and Documentation Department**

I-adresi yeposi

**Private Bag 2700**

**Houghton**

**2041**

**Inombolo yefowuni: (011) 484 8300**

**Inombolo yefekisi: (011) 484 1360**

**I-Website: [www.sahrc.org.za](http://www.sahrc.org.za)**

**I-imeyili: [paia@sahrc.org.za](mailto:paia@sahrc.org.za)**

# ICANDELO 5

---

## UKUFIKELELA KWIIMPEPHA ZAMAREKHODI EZISELUGCINWENI LWESIXEKO SEKAPA

---

### 5.1 UDIZO OLUNGAFUNI SICELO

**KwiSihlomelelo C** kuchazwa iindidi zeempepha zamarekhodi ezifumaneka ngaphandle kwesicelo esenziwe ngokwemiqathango yalo Mthetho eziselugcinweni lweSixeko seKapa.

### 5.2 INKCAZO YEMIXHOLO NEENDIDI ZEEMPEPHA ZAMAREKHODI ASELUGCINWENI LWESIXEKO SEKAPA

**Xa** kusithiwa “amarekhodi” esiXeko seKapa kubhekiselwa kuloo marekhodi enziwe okanye afunyenwe ngexesa bekuqhutywa umsebenzi osesikweni wesi sigqeba, nagcinwe njengobungqina bemisebenzi yesiXeko esi, obezinto ezenziwayo kuso nemicimbi yayo eye yasingathwa. Amarekhodi la aziindidi ngeendidi, umzekelo, iifayile zeembalelwano iimephe, iiplani (izicwangciso) iirejista, ii-ajenda nemizuzu yeentlangano, ezinokuthi zigcinwe ngeendlela ngeendlela, umzkl, aemaphepheni, kwizinto zombane okanye kwiimayikhrofilim.

**ISihlomelelo D** sinika inkcazo yemixholo yamarekhodi agcinwe siSixeko seKapa, kwakunye neendidi zamarekhodi akhoyo phantsi komxholo ngamnye.

### 5.3 INKQUBO YOKWENZIWA KWEZICELO

#### ***Imvume yokufikelela enikwayo***

Xa umntu ethe wenza isicelo sokunikwa ingcaciso okanye irekhodi ethile phantsi kwemiqathango yoMthetho lo, kufuneka ukuba loo mntu avunyelwe ukuba alifumane elo rkhodi okanye loo ngcaciso ayicelileyo, ukuba ngaba uyayiphumeza le miqathango ilandelayo:

- ▶ Zonke iimfuno zenkqubo yokwenziwa kwezicelo zokunikwa amarekhodi eziqukathwe kulo Mthetho
- ▶ Isicelo sokufumana irekhodi asikhatywanga phantsi kwayo nayiphi na imihlaba yokukhatywa kwezicelo ekhankanywe kuMthetho lo.

#### ***Ifomu yesicelo***

- ▶ Isicelo kufuneka sibhalwe kwifomu egunyazisiweyo, eyileya iqhotyoshelwe **njengeSihlomelelo E**, ize ke idluliselwe kwi:

#### **The Information Officer okanye The Corporate Deputy Information Officer**

*I-adresi yeposi*

P. O. Box 298

Cape Town

8000

#### **Inombolo yefekisi:**

(021) 421 1203

**I-adresi ye-imeyili:** [access2info@capetown.gov.za](mailto:access2info@capetown.gov.za)

- ▶ Isicelo esi ke kufuneka ukuba sicacise kakuhle ukuba ngaba kufunwa ngcaciso iluhlobo luni na, kwaye ke ukuba ngaba isicelo sesekopi yerekhodi, umfaki-sicelo makaxelele nokuba ngaba unqwenela ukulijongela phaya eofisini yeSixeko seKapa na irekhodi elo.
- ▶ Ifomu yesicelo kufuneka ukuba ihambe nemali leyo iyintlawulo ebekiweyo

- (Jonga phaya kumhlathi othi “lintlawulo ezifunwayo” malunga neentlawulo).
- ▶ Ukuba ngaba umfaki-sicelo irekhodi elo alifunayo ulifuna ngendlela ethi, uya kulunikwa ngaloo ndlela alifuna ngayo, ngphandle kokuba ke ukuba ukwenza loo nto kungawuphazamisa kakhulu umsebenzi we-ofisi le, okanye kungabanga umonakalo kwirekhodi elo, okanye kungaba nxamnye nemithetho yamalungelo ababhali (copyright) angengoweSixeko seKapa.
  - ▶ Ukuba ngaba umfaki-sicelo unqwenela ukuba isigqibo esithathiweyo ngesicelo sakhe asaziswe ngendlela eyenye, umzkl, ukutsalelwa umnxeba, ukuthunyelwa ngefekisi okanye nge-imeyili, phezu kwale yeleta impendulo, kufuneka ayichaze loo nto kwisicelo sakhe.
  - ▶ Xa ngaba umfaki-sicelo usenza egameni lomnye umntu isicelo eso, kufuneka ukuba achaze ukuba usenza njengokuba eyintoni na isicelo eso.
  - ▶ Ukuba ngaba umfaki-sicelo akakwazi ukufunda okanye ukubhala okanye unobulima obuthile, isicelo eso angasenza ngomlomo. Kwiimeko ezilolo hlobo ke iGosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso kufuneka limzalisele ngokwalo ifomu loo mntu.

#### ***lintlawulo ezifunwayo***

- ▶ Ngokwemiqathango yoMthetho lo zimbini iindidi zeentlawulo ezifunwayo: yintlawulo yesicelo nentlawulo yokufikelela.
- ▶ Umfaki-sicelo owenza isicelo sokuba afikelele kwiinkcukacha ezingaye yena mfaki-sicelo akayibizwa imali yesicelo, Kanti ke omnye umntu ofuna loo nkcukacha kufuneka yena ayihlawule intlawulo yesicelo ebekiweyo.
- ▶ Igosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso liya kuthi limazise umfaki-sicelo ngemali ekufuneka eyihlawule phambi kokuba siqwalaselwe isicelo eso.
- ▶ Imali ehlawulelwa isicelo ngama-R35. Umfaki-sicelo unakho ke ukuba angafaka isibheni sangaphakathi okanye sasenkundleni xa enesikhalazo ngentlawulo yangaphakathi.

#### ***Isigqibo nesaziso***

- ▶ Lisakuba lisenzile isigqibo ngesicelo iGosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso, liya kuthi limazise umfaki-sicelo ngeso sigqibo zingaphelanga iintsuku ezingamashumi amathathu (30) emva kokuba sifakiwe isicelo, ngaphandle kokuba ke ixesha lokuqwalaselwa kweso sicelo liye landiswa.
- ▶ Ukuba ngaba ke isicelo sithe samkelwa, kukho enye imali ekuya kufunwa ukuba mayihlawulwe njengentlawulo yokufikelela nehlawulelwa ukukhangelwa nokulungiswa nokukotshwa kwerekhodi elo, xa bekuye kwabakho imfuneko yokuba kwenziwe oko. Jonga naphaya kwiSihlomelelo F malunga neentlawulo ezifunwayo.
- ▶ Umfaki-sicelo uya kuthi ayinikwe loo nkcukacha ayicelileyo kungadlulanga xesha lide noko emva kokuba esifakile isicelo sakhe, wazihlawula neentlawulo ezifunekayo.

#### ***Ukudluliselwa kwezicelo***

- ▶ Ukuba kunokwenzeka ukuba ithi kanti inkcukacha efunwayo kwisicelo esenziweyo ayifumaneki apha kwiSixekoseKapa, okanye mhlawumbi yinkcukacha enxulumene kakhulu nesinye isigqeba sakwarhulumente, eso sicelo siya kuthi zingadlulanga iintsuku ezilishumi elinesine (14) sifunyenwe sidluliselwe kweso sigqeba sakwarhulumente okanye kwelo ziko okanye kuloo mbutho unokuba nayo loo nkcukacha ifunwayo.

#### ***Amarekhodi angafumanekiyo okanye angekhoyo***

- ▶ Kwiimeko apho amarekhodi afunwayo engafumaneki okanye engekho kwa-ukubakho, zibe zenziwe zonke neenzame zokuwafumana, iGosa leNgcaciso

liya kuthi ngenkcazo efunyelweyo (affidavit) okanye ngoqinisekiso (affirmation) limaziseumfaki-sicelolowo, linike nezizathu ngokuzeleyo.

#### **Izicelo ezisamisiweyo**

- ▶ Izicelo zinokukhe zimiswe ide ibe iyafumaneka inkcukacha leyo. Umfaki-sicelo uya kwaziswa, aze kananjalo acelwe ukuba angenise ingcaciso yokuba kutheni na loo nkcukacha efuna ukuyinikwa kwangaphambi kokuba ibe seyenziwe yaba yeyasesidlangalaleni.

#### **Ukwalelwa ukufumana amarekhodi**

- ▶ Igosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso lisenokuthi phantsi kweemeko ezithile eziqulathwe kwisigaba 2 sesahluko 4 soMthetho lo, limaleumfaki-sicelo ukuba awafumane loo marekhodi ebewacelile.

#### **Amanyathelo anokuthathwa**

Amanyatheloanokuthathwa xa ngaba iSixeko seKapa asiyilandeli imiqathango ebekwa nguMthetho:

Umfaki-sicelo usenokufaka isibheni sangaphakathi kwiSixeko seKapa ekhalazela isigqibo esithathwe liGosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso ukuba ngaba:

- ▶ Sikhatywe isicelo sokufumana/sokufikelela (kumarekhodi)
- ▶ Intlawulo ebizwayo ayamkelekanga
- ▶ Ukuba landisiwe ixesha elifanele ukuba lingedluli singekathathwa isigqibo malunga nesicelo esenziweyo sokufumana amarekhodi.
- ▶ Irekhodi elo belifunwa akalinikwanga ngalaa ndlela ayixele kwifomu yesicelo, umzekelo ikopi ekwikhompyutha endaweni yekopi eprintiweyo.
- ▶ Omnye umntu wesithathu usenokufaka isibheni sangaphakathi kwisiXeko seKapa akhalazele isigqibo esithathwe liGosa leNgcaciso okanye liSekela-Gosa leNgcaciso sokuba linikezele inkcukacha emalunga naye mntu wesithathu.


#### **Inkqubo yokufakwa kwezibheni**

- ▶ Isibheni sangaphakathi kufuneka sifakwe ngaleya fomu iqhotyoshelwe apha **njengeSihlomeelo G**  
i)zingadlulanga iintsuku ezingamashumi amathandathu (60);  
ii)zingadlulanga iintsuku ezingamashumi amathathu emva kokuba umbheni esifumene isaziso ngesigqibo esi asibhenelayo, ukuba ngaba kufuneka kuthunyelwe nakumntu wesithathu phantsi kwemiqathango yecandelo 49(1)(b), okanye emva kokuba sithathiwe isigqibo, ukuba ngaba akukho saziso kufuneka esenzelwe umbheni.  
Isibheni sangaphakathi –
  - ▶ kufuneka siziswe okanye siposwe okanye sifekiswe okanye sithunyelwe nge-meyili kwiGosa leNgcaciso okanye kwiSekela-Gosa leNgcaciso;
  - ▶ Kufuneka siwuxele umxholo wesibheni sangaphakathi esi, sinike nezizathu;
  - ▶ Kufuneka sixele ukuba ngaba umfaki-sicelo unqwenela ukuba aziswe njani na ngesiphumo sesibheni sakhe, phezu kwempendulo ebhaliweyo.
  - ▶ Ukuba ngaba kukho intlawulo ekufuneka ihlawulwe, kufuneka sihambe nayo loo ntlawulo;
  - ▶ Kufuneka siyicacise i-adresi yeposi, inombolo yefekisi okanye i-meyili.
  - ▶ IGosa leNgcaciso okanye iSekela-Gosa leNgcaciso kufuneka zithi zingadlulanga iintsuku zomsebenzi ezilishumi (10) lisifumene isibheni sangaphakathi, lisidlulisele kwiSiphathamandla seZibheni, esinguSomlomo, ukuba sisiqwalasele.
  - ▶ Izibheni ezingene emva kwexesha elibekiweyo zisenokwamkelwa xakunokuthi kunikwe izizathu eziphathekayo zolo libaziseko.
  - ▶ Umfaki-sicelo okanye omnye umntu wesithathu, angaya kusifaka enkundleni


isibheni skhe kuphela xa ngaba imihlaba yenkqubo yesibheni sangaphakathi  
inyathelwe yonke ngokupheleleyo kwisikhalazo sakhe ngesigqibo seGosa  
leNgcaciso okanye seSekela-GosaleNgcaciso.

**ULANDELELWANO LWAMANYATHELO:  
ISICELO SOKUFUMANA AMAREKHODI**


**Isicelo senkcukacha esikwifomu esetyenziswayo**



**Isicelo senkcukacisha esidluliselwe kuSekela-Gosa leNgcaciso**



**ISekela-Gosa leNgcaciso liyasiqwalasela isicelo**



**Amarekhodi okanye inkcukacha ebifuniwe  
Uyalelwa okanye uyayinikwa lowo ubeyicelile (isigqibo  
kufuneka sidlulisiwe kwiinstuku ezingama-30  
zokufumaneka kwesicelo okanye iintsuku ezingama-60 xa  
isicelo eso sifuna ukuba kwaziswe umntu wesuthathu)**

# ICANDELO 6

---

## AMALUNGISELELO OKUBONELELA NGENXAXHEBA YOLUNTU

---

Ukuthatha koluntu inxaxheba kwimicimbi yolawulo lweedolophu kuhamba ngokwemiqathango yoMthetho oyiLocal Government Municipal Systems Act ka-2000(uMthetho 32 ka-2000) noMthetho oyiMunicipal Structures Act ka-1998 (uMthetho 117ka-1998). Injongo yokunikwa kwabantu amathuba okuthatha inxaxheba kukuqinisekisa ukuba isiXeko seKapa kunye nabantu ngokubanzi batsala ngaxhatha linye kule nkalo yinxaxheba yoluntu, khona ukuze babe nebango bonke kwiziphumo zawo.

Amahlelo oluntu abandakanyekayo kwinxaxheba yoluntu ngabantu, ngamaqela emidlalo awasekuhlaleni, imibutho yezenkonzo, oosomashishini abancinane kunye nabasakhasayo (SMMEs), imibutho yasekuhlaleni (CBOs), nemibutho engeyoyakwarhulumente (NGOs), izigqeba okanye iiforam zamacandelo, iiforam zeengingqi, amashishini, imibutho yabahlawuli beentlawulo zobuhlali (ratepayers).

### **IsiXeko seKapa sinakho ukuba singasebenzisa ezi ndlela zilandelayo ekuthundezeni abantu ukuba bathathe inxaxheba:**

- ▶ Ukuhanjiswa kweempepha kwiindawo zikawonke-wonke kucelwe izimvo
- ▶ Uphando lovandlakanyo
- ▶ Izibhengezo kumaphephandaba
- ▶ lintlanganiso ezisesikweni zokuvakaliswa kwezimvo
- ▶ lintlanganiso zikawonke-wonke
- ▶ Ukusekwa kwesigqeba esilungiselelwe ukujongana nenxaxheba yoluntu.

# ICANDELO 7

---

## UKUHLAZIYWA NOKUFUNYANWA KWALE NCWADANA YEZIKHOKELO YECANDELO-14

---

❑ **Ukuhlaziywa**

Le ncwadana yezikhokelo iya kushicilelwa kwiGAZETHI KARHULUMENTE, kwaye ke kuza kuthi xa kukho imfuneko imane ihlaziywa.

❑ **Ukufumaneka**

Le ncwadana iyafumaneka ngaphandle kwentlawulo kuyo nayiphi na enye yezi ofisi zidweliswe ngezantsi apha:

***li-Ofisi zesiXeko seKapa***

*Kuzo zonke ii-Ofisi zamaBhungana*

*Kuzo zonke iilayibrari*

*Kuzo zonke ii-ofisi zeentlawulo*

*Kwi-Ofisi yesiXeko saseKapa engokuFumaneka koLwazi, ekuMgangatho we-2, e-Podium, kwiZiko loLawulo lweeNkonzo zoLuntu/e-Civic Centre*

***KwiWebhusayithi yesiXeko seKapa:*** [www.capetown.gov.za](http://www.capetown.gov.za)

***KwiKhomishoni yaMalungelo oLuntu***

PAIA Unit

The Research and Development Department

Private Bag 2700

Houghton

2041

**Inombolo yefowuni:** (011) 484 8300

**Inombolo yefeksi:** (011) 484 1360

***Kuyo nayiphi na indawo ekunyanzeliswa ngumthetho ukuba kusiwe izinto ezilushicilelo kuyo phantsi koMthetho oyiLegal Deposit Act ka-1997 (uMthetho 54 ka-1997).***

*Ekapa indawo elolo hlobo yi-National Library of South Africa.*

**Apho ikhoyo:**

5 Queen Victoria Street, Cape Town

**I-adresi yayo yeposi**

PO Box 496

Cape Town

8000

**Inombolo yefowuni:** (021) 424 6320

**Inombolo yefeksi:** (021) 424 1079 / 423 3359

# ICANDELO 8


---

## UMQUKUMBELO

---

IsiXeko seKapa sikhokelwa ziimpawu zentsulungeko ezifana nokwenziwa kwezinto elubala, lawuleko, khona ukuze kukhuthaze kuphakamiseke ulawulo olulungileyo. Ukuhamba ngazo ke ezi mpawu kuyakugxininisa ukuzimisela kwesiXeko seKapa ekutheni gqolo ngokunamathela kwimiqathango etyetyeshwa kuMthetho lo. Njengokuba iSixeko seKapa sizamela ukuba sibe siSixeko esifikeleleka kangangoko nje kwabo bangabafaki-zicelo nakwabo banqwenela ukuba bafake izicelo, kuye kwaqeshwa amaSekela eGosa leNgcaciso aya kuthi ancedise abafaki-zicelo ekusebenziseni amalungelo abawanikwa nguMthetho lo. Xa kunokuthi ke umntu afumane ubunzima ekuyiqondeni into equlathwe kule ncwadana yezikhokelo, angaqhagamshelana nalo naliphi na iSekela-Gosa leNgcaciso acele uncedo. Jonga phaya kwicandelo 3 xa ufuna iinkcukacha zoqhagamshelwano.

# ISIHLOMELO A



See page 30 of the English version


(UTSHINTSHO KUXWEBHU LULONKE NGOKWESAKHEKO BUCHULE SAKWA-  
HR: FEB 2010)

ISIGQEBA ESIKHULU

Ukuma ukusuka kuMphathi wesiXeko ukuya kwinqanaba lesibini ezantsi kwakhe

- UNozakuzaku wezikhhalazo zoluntu
- Ezophando-nzulu kulwaphulo-mthetho
- INkxaso yeSigqeba
- EzobuRhulumente neNtsebenziswano
- ISicwangciso sezoPhuhliso ngokuHlangeneyo
- ULawulo lweNdelela yokuSebenza kweSakheko/kwiZiko

UMphathi  
wesiXeko



# AMAREKHODI AFUMANEKA

## NGAPHANDLE KWEZICELO NENDLELA YOKUFUMANEKA KWAWO:

(ICandelo-15 loMthetho weNkuthazo yokuFumaneka koLwazi, onguNomb.2 wango-2000

[UMgaqo-5A]

[Ifomu-D ingeniswe ngaphakathi yi-GNR.466 yango-2007.]

INKCAZELO YEENDIDI ZAMAREKHODI EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KWESICELO, NGOKWECANDELO-15 (1) (a) LOMTHETHO WENKUTHAZO YOKUFUMANEKA KOLWAZI WANGO-2000	INDLELA YOKUFUMANA AMAREKHODI (umzekelo kwiwebhusayithi) (ICANDELO-15 (1) (a))
ENGOKUHLOLA/UKUBUKA NGOKWECANDELO-15 (1) (a) (i):	
